

# Uthini na? Uthi ufuna ukuseka iinkampani yokutya?

... isikhokelo sabaqalayo ukungena kushishino



Ibhalwe ngu

**Larry Dolley**

esebenzisana

neSebe lezoLimo lePhondo leNtshona Koloni



## Isiqulatho

---

Intshayelelo  
- iphepha 2

Ngokwenene, uyafuna ukungena kweli  
shishini lokutya?  
- iphepha 5

Imithetho, imigaqo nokuthotyelwa  
kwayo  
- iphepha 10

Ukusukela endala uba lithole!  
- iphepha 11

Ii-arhente ezinokukunceda  
- iphepha 13





## Intshayelelo

---

Le ncwadana isekelezwe kwenye incwadana efanayo nale. Úmahluko kuyo ngowokuba yona yayimfutshane kambe isiya ngqo emxholweni womcimbi. Leyo ke yayivela kuCampden (2013) kananjalo yayifunwa ngamandla ligqala kwezokutya uMnu. Nick Starke . Ngethamsanqa, ngelo xesha bekukho iPhulo elalixhaswa nguRhulumente wePhondo leNtshona Koloni nelathi lahambelana twatse neemfuno zeli phulo, kwaye kungoko kuphawulwa ngayo apha.

Ukwenza nokuthengisa ukutya, kungaphantse kucingwe ukuba ngumsebenzi olula. Njengoko usebenzela ekhitshini lakho kusenokwenzeka ukuba baninzi abantu obaziyo abaphila ngokwenza lo msebenzi. Yaye kusenokwenzeka ukuba bakhona abantu obaziyo abangasasebenzeli emakhitshini abo nabathe bafuduka baya kusebenzela kwiindawo ezinkulwana babe ke ngoko baneshishini eliqhuba ngempumelelo. ***Icebo: Yenza ubuhlobo nabo bantu banjalo kuba mhlawumbe sele benolwazi ngako konke okubhalwe kule ncwadana!***

Nangona kunjalo, inkqubo yokwenza ukutya yabo basakhasayo nabo sele beqingqa akuyonto ilula njengoko sicinga. Zininzi izizathu ezibangela oko. Kodwa ke, esona-sona sesokuba uza kube usebenza ngempilo yoluntu ngokubanzi kolu shishino; nditsho nokuba ishishini lakho likhulu kangakanani na. Yaye ukuba ukutya kwakho kungachaphazela impilo yomnye umntu ngokuthi abe nesisu esihambisayo okanye nantoni na engaxhomisa amehlo, ungabe uzinqikele elineembovane! Ngenxa yesi sizathu sodwa, kukho intlaninge yemithetho , imigaqo kunye nemiba engokuthotyelwa kwezo zinto ngabo bonke abenzi bokutya, ukususela kubavelisi bembewu yokulima ukuya kuthi-ga ekusongelweni kwemveliso leyo nasekuphakweni kwayo ngulowo uza kuyitya. Kananjalo oku kuquka nendlela yokusebenza ukutya okulungele ukulahlwa.



Umba wokuthotyelwa kwemithetho kwishishini lokutya uthanda ukuba yindida kuba impilo yoluntu ingumba obaluleke kakhulu. Siyazi ukuba abathengi bokutya bathe chu ukundweba oku. Xa uthelekisa oku nokwanda kwamatyala okungayithobeli imithetho nemigaqo echaphazela abathengi, iinkampani kufuneka zibe ziqine amadolo ukuze zibe nokumelana nezo ngxaki.

Ayinakufane yenzeke into yokuba kanti inye

kuphela incwadana echaza ngezinto ezenziwayo nezingenziwayo kwishishini elikhulu kangaka nelinobuculukubhede obungaka. Olu xwebhu, ukuze kube lula ukulusebenzisa liqulunqwe ngendlela apha eyenze ukuba luqulathe ezona zinto zibalulekileyo nezinomtsalane nekufuneka ube kanti uyazazi ukuze ukwazi ukungena kweli shishini. Ukunyamezela ke kona kweli shishini ngomnye umcimbi. Masiphinde sikhumbule ela cebo lokuqala. Le ncwadana ayinalo lonke ulwazi olufunayo kodwa inazo zona ezinye izinto **EZIBALULEKE KAKHULU** onganqwenela ukuzazi.

Kufuneka le ncwadana ithatyathwe njengoxwebu oluphilayo. Loo nto ithetha ukuthi, ukuba kukho nto siyishiyileyo nebaluleke ngokwaneleyo nemayifakwe apha, nceda usazise ukuze siyinike ingqwalaselo ze sigqibe ngelokuba singayifaka kusini na. Uze ukhumbule kaloku ukuba asifuni msina-ndozele woxwebhu olumaphepha angama-500! Uxwebhu olunjalo lugaphinde luqulunqwe ngelinye ixesha, kambe ngomnye umxhasi.

Ke ngoko kufuneka olu xwebhu luthatyathwe njengesichazi-nkqubo (iFoodie-pedia) esincinane onokwenza igalelo kulo ukuze kuncedeke eli shishini. Ukuba akhona amanye amaxwebhu kwezinye iindawo - intle naleyo! Kodwa yiqonde eyokuba eli ligalelo lethu thina sileli shishini lokutya. Ewe kaloku liyinene elokuba iCPUT njengeziko lemfundo ephakamileyo iyinxalenye yeli shishini - **sikho nje kungenxa yakho kutyandini!**



Larry Dolley







## Ngokwenene, uyafuna ukungena kweli shishini lokutya?

Eli candelo libhekisa kweminye imibuzo thina siyi-Agrifood Technology Station, iziko lobugcisa kwizinto ezingokutya, esidla ngokuyibuza abathengi (kanti basibuze nabo ngelinye ixesha). Khumbula kaloku ukuba sisebenza ngentlaninge yabantu ukusuka kwabo banemibono nje ngokushishina nabo baneenkampani esele zisebenza ngempumelelo.

### **Ingaba unambono uthile okanye mveliso ithile ocinga ngayo?**

Kwiimeko ezininzi, umbono yinto ekude lee kwimveliso nangona ingangathi yinto ekulula ukuyiguqula ibe yimveliso. Sukuthembela kuyo ngokungathi sele ufumana imali kuyo.

### **Ukuba unamveliso ithile, ingaba sele uyithengisa?**

Ukuba kunjalo, kulungile. Ukuba uthengisela abahlobo kuphela bona bakuxelela ngoncomeka kwayo, kha ume de uyithengise nakubantu abangakwaziyo. Uza kuva wena ukuba zithini izimvo zabo. Ukuba imveliso yakho inconywa nangabantu abangakwaziyo, zazi ukuba usemkhondweni! Kodwa sukwenza tyalo-mali olukhulu kakhulu okwangoku!

### **Ingaba sele unabo abantu obathengiselayo?**

Qala ngokuzibuza umbuzo othi: Ufuna ukuyithengisela abantu abanjani imveliso yakho? Ingaba ufuna ukuyithengisela abantu abangathathintweni okanye iingcungcu (la ngamahlelo abizwa ngokuba zii-LSM)? Ingaba yona imarike yakho ukhe wayivandlakanya (abantu oza kubathengisela)? Khona, unawo wona amanakani okuba loba yimalini ixabiso laloo mveliso yakho? Kungenjalo, hlala kutyalo-mali oluncinci okwangoku. Kude ube nemarike efanelekileyo nelungele imveliso yakho.

### **Yintoni ekwenza ucinge ukuba imveliso yakho yeyodwa okanye yenqabileyo?**

Yibize ngegama. Sukupitiliza maan, hamba ze! Kumaxesha amaninzi ungabeva besitsho abathengi kucaca mhlophe ukuba bafuna isosi ibe yisosi, hayi into yokugalela ekutyeni, inyobhanyobha ibe yinyobhanyobha hayi into yokuqaba isonka, isiselo ibe sisiselo, hayi into yokuthoba unxano. Kunamhlanje nje kushiyanwa ngotyefezo ehlabathini, ngako oko umahluko phakathi kwemveliso yakho neyabanye mawucace gca okwekat' emhloph' ehlungwini. Ewe, nokuba loo mahluko ukwinto esongelwe ngayo okanye ephethwe ngayo! Kodwa oku akuthethi ukuba imveliso yakho iya kuphumelela... kaloku impumelelo yayo ixhomekeke nakwezinye izinto.

### **Yona iresipi sowunayo?**

Yeke!... kwaza kwalunga! Phofu loo nto ayithethi ukuba sewuphumile ehlabathini! Eyona nto iya kufuneka ekugqibeleni sisicwangciso sendlela oyenza ngayo imveliso

ekugqibeleni sisicwangciso sendlela oyenza ngayo imveliso yakho, sicwangciso eso kufuneka sibe sesiqingqwe ngobuchule; sichaze zonke izithako nendlela eyenziwa ngayo imveliso yakho. Umzekelo, yithi kwiresipihi yakho: “Thatha icetshana le viniga”. Nenkqubo yakho yokwenza mayibe yechanekileyo ithi, umzekelo: “Galela iimilimithara ezi-5 zeviniga”, njalo-njalo!

**Ingaba imveliso yakho inganazo “igabanabo ubungozi”?** ukuba yimveliso enokuba nobungozi kakhulu, kuya kufuneka ulumkele indlela oyenza ngayo, oyigcina ngayo noyisongela ngayo. Imveliso ezinokuba nobungozi zezo zifana nenyama ekrwada nevuthiweyo kunye neemveliso ezinjengobisi. Imveliso ezinokuba nobungozi kakhulu zezo zonakala lula ze emveni koko zibe nokubagulisa abantu okanye kungenjalo zibabulale nokubulala. Kanti ke zona iimveliso ezingena bungozi kakhulu kulula ukuzivelisa phantsi kweemeko eziqhelekileyo yaye zingagcineka kakuhle ixesha elide, yaye azonakali lula. Ezo zezo zigutyiwe okanye nezigalelwe izimuncisi kakhulu. Le ngongoma iyodwa nje, yiyo engaliphumelelisa okanye ilibulale ishishini eliseza kubakho, ingakumbi ngokubhekiselele kwiindleko zokuvelisa, ezezixhobo zokuvelisa kanti nezokwenza ukuba imveliso ingabinabungozi. **Chula ukunyathela ke ngoko!**

**Unayo na inkqubo oyilandelayo?** Ingaba unayo na indlela ebhaliweyo yokwenza loo mveliso yakho, ndlela leyo izotywe ngokwamanyathelo amakalandelwe xa kuveliswa? Ekugqibeleni kuza kufuneka ubenayo. Oku kudla ngokuhamba kunye nesiya sicwangciso sichazwe kwangaphambili.

**Ingaba uvelisa umthamo ongakanani kungoku nje?** Ukuba usasebenzela ekhitshini lakho kuya kufuneka wazi ukuba ukwandisa umthamo wemveliso yakho ukuya kuma-50Kg okanye ngaphezulu **kungathetha ukuba kufuneka inkqubo yakho uyiqingqwe kutsha kanti nesicwangciso sakho ngokunjalo mhlawumbe.** Le, asindlwani iyanetha kumaxesha amaninzi.

**Ingaba usebenzisa isisongelo esifanelekileyo?** Abavelisi abasakhulayo badla ngokuzenza lula izinto yaye zibe zezexabiso eliphantsi (njengoko kufanele kube njalo kakade). Noko kunjalo kungafuneka, ngokuxhomekeke kwingxaki enokubakhona kuhlobo lwemveliso yakho, ukuba uziphucule ngokukhawuleza izinto osongela ngazo, kanti neleyibhuli elapha ngaphandle kwisiququlatho semveliso ngokunjalo. Kuzo zombini ezo zinto, ezi meko zingaba nokuchaphazela impilo yoluntu...nto leyo inokuba ziindleko kuwe.

**Imveliso yakho ihlala ixesha elingakanani?** Yalula ke loo nto, akunjalo? Yigcine efrijini ulinde de ibonakalise ukonakala! Hayi, akunjalo ngalo lonke



ixesha, ingakumbi xa uphinda ucinga ngobungozi obunokubagelwa kukutya. Ekugqibeleni kuya kufuneka ukuba loo nto uye kuyixilongisa kwilebhu eyaziwayo. Le ke yenye yezinto onokuzibhala kwileyibhuli yemveliso yakho ingakumbi kwiimveliso ezibungozi bungaba bukhulu.

**Ingaba imveliso yakho inezithako ezalanayo nempilo?** Izithako ezalanayo nempilo zezo zaliwayo ngumzimba! Amandongomane, iintlobo ezithile zezakhamzimba ezingacoleki lula, umungu nokusuzelwa yinyosi, njalo-njalo. Zininzi kakhulu izinto eziwalayo umzimba kanti basekwabaminzi nabantu abamizimba yaliwayo zizinto ezithile. Kufuneka ezi zinto zibhalwe kwileyibhuli yemveliso yakho ngakumbi xa kukho kuyo izinto ekucacileyo ukuba ziyalana nomzimba. Kungaba kuhle kakhulu ukuba uyokufumana iingcebiso kwiingcali ngalo mba, uyikhumbule kananjalo neyokuba xa uvelisa ukutya kwindawo apho amandongomane asetyenziselwa nto yimbi, kuya kufuneka ukuba loo nto yibhale kwileyibhuli yemveliso yakho.

**Le nto ileyibhuli:** Ileyibhuli ifana nefestile abathengi abakroba kuyo ukuze bazi ukuba imveliso yakho ibalungele kusini na ngokubhekiselele kwimpilo nezinye izizathu ezininzi. Omnye umthetho omalunga noleyibhulisho nokumiselwa kwemiqathango yezaziso-ntengiso ngulowo waziwa ngegama elithi: "Foodstuffs, Cosmetics and Disinfectants Act". Kuya kufuneka ukuba ileyibhuli yakho ihlolwe ngumntu oyingcali ukuze kwazeke ukuba iyayifezekisa kusini na imimiselo yomthetho. Kwakule ncwadana, siza kuthetha ngemithetho enxulumene ngqo nalo mcimbi.

**Uyivelisela phi imveliso yakho?** Ukuba imveliso yakho usayivelisela ekhitshini lendlu yakho, kusezakuba nzima ukuba ukwazi ukuyithengisa oomathengethengisa, ingakumbi abo sele bekhulile. Ukuba uvelisela kwakho kwindawo eyenzelwe oko, uya kuba namathuba angcono okufumana iikontraki ezinkulu zokuthengiselana. Kananjalo, xa lisiya likhula ishishini lakho, ungabona sewutyelelwa nguMasipala eze kuphazamisa onke amaphupha akho. Zilungiselele ukuba ukhule ze ekugqibeleni ufudukele kwindawo elungiselelwe ukwenza imveliso, ndawo leyo phofu iya kuba neendleko zayo kwanemiqathango yolawulo emayilandelwe.

**Ingaba se ukhe wathethana noomathengethengisa?** Ukuba kunjalo, lumka kuba kungathi kanti imveliso yakho inezinto ezizodwa umathengethengisa ondwebileyo anokufuna ukuzikopa. Apho kulungayo qinisekisa ukuba uyabugusha ubuchule bakho bokurhweba ububhengeze kobathembayo kuphela kungenjalo bukhusele ngesivumelwano esibhaliweyo, esobumfihlelo okanye ngenye indlela yokubukhusela.

**Iindlela ezahlukileyo zokuthobela umthetho ezilungele abathengisi ngabathengisi!**

Abathengisi baneentlobo ngeentlobo zeemfuno zabathengi abajongene nazo. Ezinye zazo ziquka indlela inkampani yakho ekhusela ngayo imveliso yayo, uhlobo lwemveliso yakho (umzekelo, ukutya oku-halal okanye oku-kosher) nendawo apho ufumana khona izithakho nezinongo zakho zemveliso. Hlala usazi ukuba kuya kufuneka ukuba ukuthobeke oku ngaphambi kokuba babe nokuyithenga imveliso yakho.

**Abarhwebi "njengabahlobo"!**

Abarhwebi asebekhulile noko badla ngokuba neNkqubo yoPhuhliso lwabaThengiseli. Le yimali yenkxaso abayibekela ecaleni ukuze bakuncedise ekuthobeleni imithetho okanye ekukhuliseni ishishini lakho kuba besazi ukuba baxhomekeke kuwe ekubeni ubathengisele imveliso esemgangathweni. Babuze ngoku nangendlela abangakunceda ngayo! Kaloku mababe ngabahlobo bakho.

**Umanyano ngamandla!**

Oku kubhekiselele, ngokukodwa, kubavelisi abasakhasayo abenza iintlanganisela namaqela entsebenziswano kwezoshishino. Umzekelo waloo ntsebenziswano kukusebenzisa kunye iikhonteyina kwabo bathumela imveliso kwamanye amazwe. Kaloku kusenokwenzeka ukuba imveliso yakho ayingako nto leyo ithi nomnye onemveliso engengako angadibanisela apho kuwe kuloo khonteyina. Thethanani!. Mhlawumbi iWestern Cape Fine Food Initiative ingakwazi ukunceda (siya kuyicacisa loo nto kwalapha).







## Imithetho, imgaqo nokuthotyelwa kwayo

---

Ishishini lokutya lilawulwa ngokwemithetho ethile (ingakumbi elokutya kwemfuyo) efunekayo ukuze kukhuseleke uluntu ebungozini; kananjalo loo nto ithengwayo kuye kufuneke ukuba iyifanele imali ethengwe ngayo. Nantsi eminye imiba ephelekwa yimicimbi engolawulo lweshishini lokutya.

- Ingaba sewunalo na igama lenkampani yakho? Ukuba akukabinalo, kuya kufuneka uqiniseke ukuba elo gama ulikhetayo alikasetyenziswa. Oku kwenziwa kwa-CPIC ([www.cipc.co.za](http://www.cipc.co.za)).
- Ufuna hloboluni lweshishini, umz. i-(Pty) Ltd (ishishini labucala), i-sole proprietor (umth'uzimele) okanye olunye?
- Ukuba ufuna ukwenza isicelo semali-mboleko, okanye olunye uhlobo lwenkxaso-mali, kuya kufu-neka ukuba uqulunqe isicwangciso sokuqhuba ishishini (business plan).
- Kuya kufuneka ubhalisele ukuhlawula irhafu, i-VAT! Ungaze uzame ukuqhatha inkonzo yorhafiso, uSARS!
- Kuya kukunceda ukuba uvule iakhawunti yeNkampani yakho! Thetha nomniki-zingcebiso ngezi-mali okanye uManejara weBhanki ukuze uqiniseke ukuba uvula iakhawunti efanelekileyo.
- Sebenzisa iingcebiso ozifumana kubaphengululi-zincwadi abaziwayo okanye kumgcini-zincwadi onokukunceda ngeemfuno zika-SARS, iakhawunti yasebhankini, iimali-mboleko, njlnjl.
- Qalisa ngokumisela iinkqubo zakho zochazo-mali/zoshishino, umz. amaxwebhu eekontraki, iik-woteshini, neeimvoyisi, njlnjl.
- Yenza isigqibo ngamaxabiso eenkonzo zakho/emveliso yakho kunye needipozithi, njlnjl.
- Qulunqa iqhinga lokwazisa abathengi ngeemveliso neenkonzo zakho.
- Gqiba ekubeni uyayifuna kusini na iwebhusayithi.
- Yila idilesi ye-imeyili nendlela yeteknoloji yokugcinwa kolwazi ngeshishini.
- Thenga okanye yila eyakho isoftware.

## Ukusukela endala uba lithole! ...

---

Okona kuncikane kufunekayo **isatifiketi sokwamkelelwa** ukuthobela amasoloty kwiimiqathanga 5 no 6 ye GNR. 638 yangomhla wama 22 Juni 2018: Imiqathango elawula ezempilo ngokubanzi kwiindawo ezilungisa ukutya, ezithutha ukutya nezinye izinto ezingqamene noku, njengoko zibhengeziwe ngokoMthetho i Foodstuffs, Cosmetics and Disinfectants Act, 1972 (Umthetho 54 ka 1972).

Ekugqibeleni usenokufuna **isatifikethi** sokutya okuvumelekileyo ngokwenkolo yama-Islam (**Halal**) nesokutya kohlobo oluthile ngokuxhomekeke kwimveliso oyivelisayo. Kwenziwa into efanayo nale naxa ufuna ukuvelisa imveliso yokutya okuthatyathwa njengokungeyonqambi (kosher).

Ethubeni, usenokufuna nokwakha **indawo osebenzela** kuyo ngendlela apha eya kufezekisa imigangatho ngemigangatho efunekayo. Ukuba usayiqesha indawo osebenzela kuyo, kungafuneka ukuba wenze iinguqu kwezo zinto oza kuzisebenzisa ukuze zihambelane nemigangatho emiselweyo. Xa uyila isakhiwo esitsha okanye uphucula esikhoyo, kungaba ngcono ukuba oko ukwenze ngokwemimiselo efanelekileyo yezempilo. Oku nako kuyongeza kwiindleko. Kungcono ukuba senziwe ngokulandelwa kweendlela zolondolozo lwempilo. Oku kuyazongeza iindleko.

Oomathengethengisa nabanye abasebenzisi bemveliso yakho bangafuna ukuba ube nayo nokuba yiyiphi **indlela yokuqinisekisa ukhuseleko** ngokubhekiselele kwimveliso yakho, ndlela leyo ifana neye-Hazard Analysis Critical Control Point” (HACCP). Kanti zikhona nezinye ezifana noo-ISO22000, oo-British Retail Consortium njlnjl.

Eyona isandul’ukufika yi-AFSSC 22000 nesetyenziswa kwihlabathi liphela. Oku sikuve ngebhunga elijongene nempahla ethengiswayo, iConsumer Goods Council of South Africa. Zonke ezi nkqubo ziziindleko; iindleko zokuzisebenzisa nezokuzigcina zisemgangathweni (kuqukwa nezo zomntu oza kwenza loo msebenzi).

Kodwa phambi kokuba ishishini lakho **liphicothwe**, kufuneka ube kanti sele unovimba weenkucukacha eziphathekayo ngemveliso leyo kunye nezeenkqubo zayo. Oku kuthetha ukuba kufuneka umisele indlela yokuvavanywa kwemveliso, kweenkqubo,

nezixhobo ezisetyenziswayo – konke ngeendleko zakho. Xa uneerekhodi zeenyanga ezintathu ukuya kwezintandathu nezibonakalisa umgama osele uhanjwe lishishini lakho naxa uthe wamisela inkqubo esebenzayo ungaqala ke ngoko ukuphicothwa ngokuthi ukucele oko.

Ukuba uluphumelele uphicotho unganikwa **ikontraki** yokuba ube ngumvelisi othengisela oomathengethengisa. Noko kunjalo, oku akusiso isiqinisekiso kuba kusenokufuneka ukuba usebenze nabasebenzi beenkampani abajongene nokufuna ababoneleli ababonelela ngemveliso engeyiyo le yakho. Loo nto ingangumsebenzi ofuna ingcali yokwenza oko.

Wakungaphumeleli kwinkqubo yophicotho kuya kufuneka ukuba ufune **uncedo** lokulungisa ezo zinto zisilelayo ezithe zaphawlwaw yinkqubo yophicotho. Naleyo ingakudla imali yokuqesha okanye kungenjalo ungazizamela ukuyenza ngokwakho loo nto Wakube uzenzile izilungiso, ungaphinda ucele olunye uphicotho ...Umane uqhubeka njalo!!

Wakuba ngumboneleli kamathengethengisa othile kusenokufuneka ukuba ishishini lakho liphicothwe rhoqo kanti ukuba uphinde waphumelela kuphicotho uya kunikwa ithuba lokwenza izilungiso ze uphinde ucele ukuba **luphindwe uphicotho** lweshishini lakho.

Kwesi sithuba, uya kube ungazibalanga zonke ezinye iindleko osele ungene kuzo... yaye kwesi sithuba, ezo ndleko ziya kube zixhome **ngokoyikisayo!**





## Li-arhente ezinokukunceda

---

Musa ukoyika, akuwedwa – lukhona uncedo. Ziliqela ii-arhente zoncedo kwakunye nabaniki zingcebiso babucala. Enye inkonzo engcono yileyo unokuyifumana kuqhagamshelwano lweenkampani. Nazi iinkamani ezimbini ezinokukunceda:

***Agrifood Technology Station (ATS) [www.cput.ac.za/ats](http://www.cput.ac.za/ats)***

***Western Cape Fine Food Initiative (WCFFI) [info@wcffi.co.za](mailto:info@wcffi.co.za)***

Ezi zilandelayo ungena kuzo ngokuthi ubhalise:

The Food Safety Initiative – [www.foodsafetyinitiative.co.za](http://www.foodsafetyinitiative.co.za)

The Food Safety Network – [www.foodsafetynetwork.co.za](http://www.foodsafetynetwork.co.za)

Campden BRI (British) – [www.campdenbri.co.uk](http://www.campdenbri.co.uk)

Consumer Goods Council of South Africa – [www.cgcsa.co.za](http://www.cgcsa.co.za)

Kunye nothotho lwezinye!

Nceda usincedise ekukhuliseni le ncwadana ngokuthi uthumele amanye amaziko oqhagamshelwano, iingcebiso kunye neziphakamiso. Umzekelo, sifuna ukwenza uqhakamshelwano olululo:

ngemithetho engalo mmba

namaziko angoshishino

neendawo amashinini amancinane (SMMEs) anokufumana kuzo ulwazi olululo malunga nokushishina ngokutya



## **Qhagamshelana nathi kule dilesi**

Isebe leZolimo eNtshona Koloni

Tel: +27 21 808 5111

Email: [info@elsenburg.com](mailto:info@elsenburg.com)

Web: [www.elsenburg.com](http://www.elsenburg.com)

Cape Peninsula University of Technology

Tel: +27 21 9596276

Web: [www.cput.ac.za/ats](http://www.cput.ac.za/ats)

Blog: <http://bit.ly/2ofoJ4H>

Twitter: @agrifoodtech

Take the Tour: <http://bit.ly/2o5DGt7>

